Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

Umthi weeNkumbulo
(The Memory Tree)
Illustrated by Agrippa Mncedisi Hlophe
Written by Savnola Goldridge
Designed by Jason Gien
Edited by Mariam Mahomed
Translated by Sebolelo Mokapela
with the help of the Book Dash participants in Durban on 29 October 2022

ISBN: 9781776231041

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Umthi weeNkumbulo



Savnola Goldridge • Agrippa Mncedisi Hlophe • Jason Gien

UThembi noThulani bayathanda ukuya epakini noTamkhul’ uNathi.

Bayamthanda uTamkhul’ uNathi.






Kodwa uTamkhulu' uNathi uyagula usesibhedlele. Amehlo akhe avaleke mbhaa!

Umatshini osecaleni kukaTamkhul' uNathi umane usithi pipipip, pipipip, pipipip.

"Mama, kutheni engaculi nam nje uTamkhul' uNathi?" uyabuza uThembi.

UMama uthi, "UTamkhul' uNathi uyakuva. Ucula nawe entliziyweni yakhe."

Balindile ekhaya ngasefestileni
uThembi noThulani.

Lide eli xesha uMama noTata besesibhedlele.

Aze uThembi ababone uMama noTata
besiza ngakwindawo yokupaka imoto.

“Babuyile!”





UMama no Tata banxunguphele kakhulu.
“Kwenzekeni?” uyabuza uThembi.

Isisu sakhe siyaxuxuzela.

Ilizwi likaMama litsholo ezantsi.

“UTamkhul’ uNathi ebemdala kwaye egula. Oogqirha abakwazanga ukumenza abengcono.”

Amehlo akhe awangazele ziinyembezi, “Asisayi kuphinda simbone kwakhona uTamkhul’ uNathi.”

UThulani uhleli phandle phantsi komthi obuthandwa kakhulu nguTamkhul’ uNathi.

Akanamdla wakudlala noThembi. Unqwenela ukuba uTamkhul’ uNathi ebengamfundela ibali.





UThembi unomsindo aze alahlele unodoli wakhe pha kude.

“Uswelekele ntoni kodwa uTamkhul’ uNathi!” UMama amtsale uThembi amsondeze kuye.

“Kulungile ukuba nomsindo,” utsho uMama. “Nam ndiyamkhumbula uTamkhul’ uNathi.”

Namhlanje uMama, uTata, uThulani noThembi banxibe iimpahla zabo zikanokutsho balungele ukuya ecaweni kumngcwabo kaTamkhul' uNathi.

Bonke abantu bazele ukuzokhumbula uTamkhul' uNathi.





UMama ubamba isandla sikaThembi njengokuba becula iingoma ebezithandwa nguTamkhul' uNathi.

Bonke abantu bayacula baze badanise nokudanisa.

UThembi akakwazi kulala. Ukhwaza uMama.

"Mama, ndiyamkhumbula uTamkhulu.
Intliziyo yam ibuhlungu!"





UThembi noThulani batya isidlo sakusasa ngethuba kungena uTata ephethe umthi omkhulu, omkhulu kakhulu owenziwe ngekhadibhodi.

“Lo ngumthi weenkumbulo,” utsho uTata. Uncamathisela lo mthi wekhadibhodi edongeni.

UMama uphethe ibhokisi eneefoto. “Thathani ezona foto nizithandayo zikaTamkhul’ uNathi nize nizincamathisele emthini.”

Bekunye ke bancamathisela iifoto zikaTamkhul’ uNathi emthini. Bakhumbula amaxesha amnandi ababenawo noTamkhulu.

UThembi uqhwaba izandla ngokuvuyo. “Lo ngumthi wam omtsha endiwuthanda kunene!”





Ancume uTata. "Nanini na ngoku xa sifuna ukukhumbula uTamkhul' uNathi, singeza kulo mthi wethu weenkumbulo."

"Asisoze simlibale uTamkhul' uNathi. Uyakuhlala ehleli ezintliziyweni zethu."

